



ITSHATA YEENKONZO ZABASEBENZISI MANZI

IINJONGO

- Ukubonisa ukuzimisela kweSixeko njenge gunyabantu lenkonzo zaManzi kwananje ngoMboneleli weeNkonzo zaManzi ekusebenzeni nje ngeqela ukubonelela uluntu ngenkonzo ngendlela ebalaseleyo

UMBONO

- Ukuba zinkokeli kubonelelo lweenkonzo zamanzi olunobulungisa, oluhleli lumi, olugqalise kwiimfuno zoluntu, olufikelekayo ngokwezemali kwakunye neenkonzo ezikholisayo kubantu bonke.

ISIBHAMBATHISO KUBASEBENZISI BETHU

- ukuqinisekisa ukufumaneka kunye nokuthembeka kwamajelo ethu amanzi ngamaxesha onke.
- ukwakha ulwaneliseko lwabasebenzisi nemo evumayo yophuhliso lobudlelwane obububo kunye nabo bonke abachaphazekayo.
- ukwakha ukuqonda eluntwini, ukudlulisa ulwazi kunye nezinye izakhono
- ukumisela ubume berhafu/bentlawulo enobulungisa eqinisekisa ukuba bonke abahlali bayafikelela kumanzi asisiseko kwakunye nogutyulo lwelindle kuquka namakhaya ahluphekayo
- ukuqinisekisa ezona ndlela zingcono zolawulo kubonelelo lweenkonzo zamanzi
- ukubonelela ngeelitha ezingama-6 000 zamanzi asimahla ngenyanga njengoko kumiselwe ngumgaqo-nkqubo werhafu ukubonelela ngeelitha ezingama-4 200 zogutyulo lwelindle olusimahla ngenyanga njengoko kumiselwe ngumgaqo-nkqubo werhafu ("Qaphela: Lo mgaqo-nkqubo uyaphononongwa ngoku ukulungiselela uhlaziyo – naziphi na iinguqu ziza kuchazwa kubasebenzisi bethu ngaphambi kokuba zisebenze")
- ukusombulula izikhalazo zokonakala kwisithuba seeyure ezingama-24
- ukucutha ukuchaphazela okungqongileyo ngokuqinisekisa inkqubo yamanzi amdaka esebenza ngokukuko
- ukukhuthaza ukusetyenziswa kwezinye iindlela zokufumaneka kwamanzi ukulungiselela ukuncenkeshela kunye namashishini

UXANDUVA LWABASEBENZISI

- ukulandela imithetho, imimiselo kamasipala, imipoposho kamasipala kunye nezaziso zemiqathango yamanzi
- ukuba nolwazi ngolondolozo lwamanzi kunye nokwenza ulondolozo lwamanzi ibe yindlela yokuphila.
- ukungagungxuleli izinto ezingafanelekanga, i-oli esetyenzisiweyo kunye neematiriyeli kwimixokelelwano yemijelo ehambisa amanzi amdaka
- ukungavuleli amanzi emvula okanye amanzi abalekayo kwimixokelelwano ehambisa amanzi amdaka
- ukuhlawulela iinkonzo ezingaphaya kwezo zesabelo esisimahla
- ukuchaza ulwaphulo lwemipoposho kamasipala kumxeba kaXakeka waManzi
- ukuqinisekisa ukuba imitha yamanzi kunye nomda wegumbi lemibhobho yokuhambisa amanzi amdaka ziyafikeleleka ngalo lonke ixesha

Ukuze iqhube ngokufanelekileyo le tshata yabasebenzisi ingasentla kwanokuqhuba siphucula inkonzo yabasebenzisi, simisela iNkqubo yoLawulo eseMgangathweni ukuhlangabeza iimfuno ze- ISO 9001:2000.

Nceda ufake zonke izimvo kunye neziphakamiso zakho, ngokunjalo nokuchaza idreyini ebhlokileyo, umbhobho wamanzi oyintloko ogqabhukileyo, umbhobho ovuzayo okanye isikhalazo semvakalo (taste) kumnxeba kaXakeka waManzi 0860 10 30 54



Yonga amanzi ethu.
Yonga isixeko sethu.

Ukulondolozwa amanzi yindlela yokuphila



CITY OF CAPE TOWN | ISIXEKO SASEKAPA | STAD KAAPSTAD

ESI SIXEKO SISEBENZELA WENA